

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYOKWINDLA
2018

UKUCEBISA – amava akhulayo omcebisi nomcetyiswa



Ukucebisa enyanisweni yinkqubo yokukhokela nokuqequesha ngokudlulisela ulwazi nobungcaphephe anabo umntu kumcetyiswa.

Ndibe ngumcebisi wabalimi abalimela ukuziphilisa abamalunga nama-90 kwiminyaka emithathu edlulileyo njengenxaleny yeNkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi enenjongo yokufikelela kubalimi abakwiindawo ezikude, ezesemaphandleni kufuphi ne-Estcourt, KwaZulu-Natal. Amava am njengomcebisi abe lilinge lokukhula nokukhanyiseleka – mandithembe futhi nditħmbele ekubeni kube njalo nakubacetyiswa bam.

Basebenza ntoni abacebisi?

Iprojekthi yeGrain SA yokuziPhilisa ukuya kwiNdyeo ngolwahlulelwano neJobs Fund (uNondyebo weSizwe), iKynoch, iMonsanto, iSA Lime & Gypsum, iSyngenta neSebe loPhuhliso IwamaPhandle neNguquko yomHlaba ijoliswe emsebenzini wokucebisa njengenye yeentsika zokuphunyezwa kwenkqubo.

Njengabacebisi sinikwe uxanduva loku-phumeza inkqubo kwinqanaba lomndilili wa-bantu. linkcukacha ezinxulumene nenqubo sizingqalisa ngqo kubalimi. Sinxulumanisa ngokusesikweni senze ucwangcisel malunga nokuthuthwa kweemveliso zamalungiselelo.

Imazini yakwa Grain SA
yophuhliso Iwabavelisi

Bala moteng:

04 | Ukususela ekuziphiliseni ukuya kwindyeb nangaphaya

06 | Kujongwe emva entla kwegxalaba ku-2017

12 | Izityalo zokutshintsha – nciphisa umngcipheko unyuse imveliso



04



12

15





UMAKHULU UJANE UTHI...

Ngenyanga nganye iPula Imvula indinika ithuba lokwabelana nani ngeengcinga zam. Siphila kumaxesha acela imingeni kuthi futhi sisoloko sibhekene nenguuko nogungqa-gungqo olungapheliyo. Inguuko ikolisa ukuba nzima ebantwini kwaye iluloyiko lokungaziwayo olungumngeni omkhulu.

‘Tshintsha iingcinga zakho ukuze utshintshe ihlabathi lakho’ – kutsho uNorman Vincent Peale. Sisatshulwa esinobuciko esi kuba ulovo lwaso lusekubeni ingulowo kuthi uphila ehlabathini lakhe, izinto esiphila nazo. Sithembela ezintweni omnye umntu ange-nakuthembela kuzo, soyika izinto angenakuzoyika omnye umntu. Sikhala ngezinto ezingenakumentza lusizi omnye umntu. Ingulowo nalowo kuthi unoaxanduva lweengcinga zakhe kanti xa utshintsha iingcina zakho, unakho ukutshintsha ihlabathi lakho.

Ehlabathini lakho, usenokuxhalaba ngokutya okwaneleyo, ukhuseleko lwakho, imbalela, mhlawumbi isikhukula, imali, imfundo, impilo. Maxa wambi eku-funeka sikwenzile kukuqlisa ngokucinga ngendlela eyahlukileyo – sicinge ngeendlela ezintsha zokujonga izinto, iindlela ezintsha zokwenza izinto ezindala, izinto ezintsha esinokuzenza, izityalo ezitsha esinokuzilima. Masizame ukungazoyiki iinguuko ezidingwa luluntu lwethu. Sifanele ukuyithakazelela iinguuko sibe yinxene yeahlabathi elitsa esilidalo. Sidinga ukuzi-qhelanisa, ukuzikhuthaza ngokunjalo sitatthe inyathelo elilandelayo elinokubeka umntu ngokupheleleyo kwindawo entsha aya kuyo.

Kwezopolitiko kuninzi ukugungqa-gungqa okujongene nelizwe lethu ngoku. Siphupha ngehlabathi elitsha apho sonke sinokuba yinxalenye yesizwe esinempumelelo, uqoqosho oludlamkileyo, ukuhlupheka nokungalingani okunciphileyo. UGeorge Bernard Shaw wathi: ‘Akukho nkqubela inokubakho ngaphandle kwenguuko, futhi abo bangakwaziyo ukutshintsha iingqondo zabo abanakutshintsha nto’. Jonga ubume obukungqongileyo ubone indlela onokuba nefuthe ngayo yeenguuko ezelungileyo kwikhaya lakho, kuluntu lwakho nakwilizwe lethu. Yenza oko kusemandleni akho uzame ukwenza umahluko. Khumbula, uThixo utha xa uthanda ummelwane wakho – fikelela kummelwane wakho, mthande ube yinxalenye yentshukumo enkulu eya kwinguuko enika ithemba ebomini bethu nasehlabathini lethu.

‘Inguuko yenzeka ngolu hlobo. Umgondiso omnye. Umntu omnye. Umzuzu omnye ngexesha’ – Libba Bray.

Ukucebisa – amava akhulayo omcebisi nomcetyiswa

Siqokelela ulwazi neenkukacha ezi-gciniweyo kubalimi ukuze zishicilelw ka-nti okubaluleke kakhu, senza ueqesho Iweziqlatho zezifundo nezokusebenzisa ulwazi ngokwemithetho-siseko yokulinywa kombona eMzantsi Afrika. Lukhulu kakhu-lu uxanduva futhi ngamanye amaxesha luyasinda, kodwa xa sifumana intsebenziswano nenkuthalo encomekayo yabali-mi, lungajika lube ngamava athandekayo. Njengakuyo nayiphi na inkubo, apho ku-kho abantu abaninzi ababandakanyekayo, kubalulekile ukusebenzisana kweqela elisebenza kune.

Ukuphumeza inkubo yobukhulu obungaka nokunxulumanisa inani elikhulu labalimi kusenokuba nemingeni yay. Yiloo nto abalimi besahlulwa ‘ngokwa-

maqela ofundonzulu’ aphinda ahlulwe ngokweendawo zabalimi. Onke amaqela ofundonzulu aphantsi kwenye yeeofisi zeenginqi zeGrain SA futhi anikwa umce-bisi. Sidibana namaqela ofundonzulu qho ngeveki kwindawo esesizikithini efana nenkundla yohlanga, icawa okanye eholi-weni yoluntu apho senza khona ueqe-sho ngokwezfundo olusekwe kuludwe Iwezfundo eziyintshayelelo ngokulinywa kombona. Uludwe Iwezfundo lubanda-kanya izihloko ezifana nokukhula kune nophuhliso lombona, izondlo ezifunekayo, ukutyalala nokuvuna, ukutshatyalaliswa kokhula nezinambuzane ngokunjalo nezihloko ezinxulumene nolawulo Iweshishini olufana nokugciwa kweengxelo, uhlahlo-mali kune nokuthengisa.



Omnye wabacetyiswa onovuyo ufumana iimveliso zamalungiselelo.



Ikhaya elinokutya okwaneleyo ngenkubo yokulimela ukuziPhilisa ukuya kwiNdyelo.



UMnu noNksk Zuma – abacetyliswa ababini
bam abaphumelele kumLimi woNyaka oLimela
ukuziPhilisa wango-2016.



Kuhlolwa iploti yovavanyo yombona.

oba negugu ngabo bazimiselayo ukuze bafumane iziphumo ezihle, nam ndiba neqhayiya ngabo bali-mi bazinikeleyo ekuzimaseni intlanganiso naseku-fundeni ukuze bafumane iziphumo eziphucukileyo.

Kwinqanaba lobuqu bam, ndiyiqonda bhetele ngoku imeko yasemaphandleni neyokudibanela impahla elizweni lethu. Amehlo am atsho avuleka malunga nokuhlupheka kunye nokungalingani kwabantu okukhoyo entlalweni yethu ngenxa yokwahlukariswa kwethu kwixesha elidlulileyo. Ndizibonele ngokwam isidingo sokuncedisa, kungekathethwa nangemali kuphela kodwa kujongwe isidingo solwazi.

Abantu abakwinqanaba eliphantsi entlalweni balulambele ulwazi nezakhono zobuchule kanti oko kuvuyisa kakhulu. Akukho mfuneko yokuba bakuzu uku kwiziko lemfundu; kusenokvela

kumcebisi. Ndiyakholewa ukuba luxanduva lwabo bonke oosomagunya kwicandelo lezolimo ukuba neentlobo zolwahlulelwano ukuze baqhube ngokunikela ngolu hlobo lokudlulisewa kolwazi kwabanye – sendibe nefuthe elinoncedo kakhulu kubalimi abaninzi abalimela ukuziphilisa. Ngenxa yomzamo wobukho bokutya okwaneleyo, ubudle-lwane phakathi koluntu, ukutshatyalaliswa kokuhlu-pheka nophuhliso lwasemaphandleni ngokunjalno nenguquko eghubayo kwezentlalo nakuqoqosho, eli linge liya kusoloko liphuma phambili!

Inqaku linikelwe nguGavin Mathews, oneMfundu yesiDanga kuLawulo loBume obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe thumela i-imeyili apha: gavmat@gmail.com.

Ukususela ekuziphiliseni ukuya kwindyebu nangaphaya

I-Santam Agri yazise iGrain SA ukuba inqwenela ukubandakanyeka kwiProjecthi yeJobs Fund, ukususela ekuziphiliseni ukuya kwiNdyebu, yaze yacela ukuba sithumele isicelo senkxaso-mali kuyo.

Senze isigqibo sokucela inkxaso yeencwadi zo-qeqesho malunga nokusetyenziswa nokugcinwa kombona, izixhobo zeeGPS ezifanele ukusetyenziswa ngabacebisi, noomatshini bokubhula babalimi abafumana izivuno ezikhulu.

Uqequesho

Kwiminyaka eliqela edlulileyo, iMaize Trust inikele ngenkxaso-mali yophando, obelusenziwa yiYunivesithi yobuChwepheshe yeCape Peninsula, malunga neemycotoxin nesiphumo sazo kwimpilo yomntu. Ngonyaka ka-2017, iNkqubo yoPhuhlis IwabaLimi ikwazile ukufikelela kuthotho Iwamanqaku malunga neeMycotoxin yaze yawapapasha kwiPula Imvula (apho ziguqulelwu kwiwlumi ezi-ntandathu). Kubalulekile ukuba lakuba lugqityiwe uphando, iziphumo zophando zifike ebantwini abanobomi obunokuchatshazelwa lolo fundonzulu.

Nangona iPula Imvula ingumjelo obalulekileyo wokuthumela iinkcukacha kubafundi, sibone ngathi isifundo soqeqesho sosuku-olunye sama-

lungu eprojekthi yeJobs Fund sinokuzisondeza ekhaya iinkcukacha kubalimi ngethembu lokuba siya kuba nefuthe kwindlela abalawula nabagcina ngayo umbona wabo emva kokuvuna. Ngokusebenzisa inkxaso-mali yeDST, sikwazile ukunikela ngesifundo soqeqesho sosuku olunye kumaqela angama-95 abalimi, safikelela kubalimi abangaphezu kwe-1 700 abalima umbona ukwenzela ukuziphilisa, baze bathengise oshiyekileyo ukuze bafturmane ingeniso.

Ngethuba lezifundo, abalimi bafundiswe ukuphawula ngeemycotoxin ezahluka-hlukaneyo nokuthi baqonde iimeko ezichuma kakhulu kuzo. Njengoko abalimi abaninzi bephila kungcoliseko, kubalulekile ukuchaza imingcipheko ebandalanyeka ekuzibekeni esichengeni sazo – ezinye zibangela isifo somhlaza, ezinye zonakalisa izintso, zize ezinye zibangele ukuqlala phambi kwexesha kwebanga lokufikisa emantombazaneni, kodwa zikhona ezingunobangela wokuhlanza nentloko ekholisa ukuba buhlungu, njalo njalo.

Omnye wemibandela ebaluleke kakhulu ibi-kukufundisa abalimi ngendlela yokuvuna nokugcina umbona wabo ngokunciphisa usuleleko, kanti futhi nokuwuhlela, ukuwukhetha nokuwuhlamba umbona phambi kokuwusebenzisa. Ezi zenzo zingakunciphisa ukungcoliseka kakhulu ngo-

kwenza njalo kuphucuke impilo yabalimi base-maphandleni.

Izixhobo zeGPS

Enye yeemfuneko zale projekthi efumana inkxaso-mali engaphelelanga yeJobs Fund (uNondyebo kaZwelonke) kukuba onke amasimi nabo bonke abalimi mababe sezimephini. Lo ngumsebenzi omkhulu njengoko umlimi ngamnye enokuba namasimi aliqela kanti abalimi bangaphezu kwama-3 800 kwiihektare ezingama-5 200. I-Santam yavuma ngobubele uku-thenga izixhobo ezingama-37 ezicityiswa liqela leBFAP njengeziwufaneleyo loo msebenzi.

Isazobe 1 sibonisa imephu evela kwinkqubo yeBFAP, ebonisa intsimi nganye kumasimi abanye babalimi kwindawo yaseBergville. Ngelixa kusenziwa iimephu, kwasona esi sixhobo siyafota siphinde sisetyenziselwe ukuqokelela iinkcukacha ngomlimi nangentsimi. Zonke ezi nkukacha zishicilelwu kwinkqubo yeBFAP ukuze ziphinde zisetyenziswe kule nkqubo. Lo mfanekiso ubonisa izixa ezikhulu zomhlaba ongasetyenziselwa kulima izityalo kwezi ndawo – ikhona indawo yokwandisa inkqubo!

Ifoto 3 ingumzekelo weenkukacha esinazo ngomlimi ngamnye – ifoto yakhe, ifoto yeme-ko yomhlaba xa bekusenziwa imephu, yimephu



Ngethuba lezifundo zoqeqesho, abalimi bafundiswa ukuqaphela iintlobu ezahluka-hlukileyo zeemycotoxin nendlela yokuvuna nokugcina umbona ngokunciphisa usuleko.

UPHULISO LWABALIMI

3



Kubhaliswa iinkcukacha zomlimi ngamnye ukuze zibe kwinkqubo yeBFAP.

4



Isixhobo seGPS esisetenyenziwa ukufumana iinkcukacha zabalimi sinobomi obude bebhetri nenkumbulo enku.

yomhlaba naleylo ilungelelene nawo, ibonisa ubukhulu bomhlaba ngokuchanekileyo, ngokunjalo nefoto ebonisa umhlaba lowo xa uthlekiswa nendawo leyo. Ngokolwazi lwethu, azikho ezinye



Isazobe 1: Imephu evela kwinkqubo yeBFAP, ebonisa intsimi nganye yabalimi abathile kwindawo yaseBergville.

iinkqubo zenkxaso yabalimi ezinezi nkukacha ngokwezelizwe malunga nawo onke amalungu azo.

Izihobo (**Ifoto 4**) zikhethwe ngokuqaphela ukwenzela iimpawu ezifunekayo – zinobomi obude bebhetri nenkumbulo enku. Lindawo ezininzi aphi aba balimi banamasimi abo azinanxulumaniso zn ezalathwe kwiigrafu amasebe azo ngoko ke umcebisi udinga ukwazi umsebenzi ukuze atshintshele kuphela kwinkqubo yeBFAP xa efika kwindawo enonxulumaniso olunomekayo.

Izihobo nazo zisekwa ngendlela eyenza ukuba umcebisi abe phakathi kumgama weemitha ezilishumi zentsimi ukuze akwazi ukufota loo ntsumi – oku kuthintela ifoto ukuba ingafakwa ngegama lomlimi mhlawumbi ongengomnini wentsimi. Ezi zixhobo ziphindza zisetyenziselwe ukquqkelela uhloba lweenkukacha ezalathwe kwiigrafu malunga nabalimi – ifuthe lale projekthi likhulu kakhulu alipheleli kubukho bokutya okwaneleyo kwekhaya kuphela.

Inyaniso yokuba abalimi abaninzi banemfundo engephi ithetha ukuba abanakufumana misebenzi – ngoko ke ukusebenzia umhlaba ukuze kufumaneke ingeniso kukuphela kwento abanokuyenza. Uninzi lwabali kule projekthi bakwizintlu ‘zakudala’ – oku kukwatetha ukuba abanamathuba maninzi abanokukhetha kuwo okungenisa imali. Abalimi nabo bayakwazi ukuthengisa imveliso yabo eninzi kwalapha – ngokwenza njalo baphinda

baphucule ubukho bokutya okwaneleyo kwamnye amalungu oluntu lwendawo yabo.

Omatshini bokubhula

Abalimi abayinxene yale projekthi bebesoloko belima futhi bevuna ngendlela yasemaphandleni nangendlela yasemakhaya ngenene. Kwixesha elidlulileyo, babekwazi ukubhula isityalo ngezandla kuba isivuno sasisincinane kakhulu. Nangona kunjalo, ngenxa yeemveliso zamalungiselelo eziphuculiweyo nemigaqo yokulima, aba balimi abasakwazi kubhula izixa zezivuno ngezandla.

I-AfriCA Implements eBothaville yenza umatshini wokubhula omncinane osebenza ngedizili kwaye sibe nethamsanqa lokukwazi ukufumana abalimi ingenkxaso-mali evela eSilostrat eWelkom nakwiDST. Nangona kunjalo, sikhulu isidingo kwaye sinovuyo kakhulu kwiSantam Agri ngokusixhasa ngemali yabanye oomatshini abathandathu bokubhula.

Inqaku linikelwe nguJane McPherson, uMphathi weNkqubo yoPhuhliso Iwabali, eGrain SA. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apha jane@grainsa.co.za.



Pula Imvula's Quote of the Month

Happiness does not come from doing easy work but from the afterglow of satisfaction that comes after the achievement of a difficult task that demanded our best.

~ Theodore Isaac Rubin

KUJONGWE EMVA ENTLA KWEGXALABA KU-2017

nkqubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi (Grain SA FDP) seyibalulwa phakathi kwasizwe njengenqanawa yokhokelo kuphuhliso Iwabalimi olunempumelelo kwixesha apha ukubuyiselwa nenguuko yomhlaba iyimbopheleko yelizwe.

Kwakweli xesha sekukho iimeko zoxinzelelo ezingenakubalwa nezingacingekiyo zoqoqosho nezasentlalweni ezibekwa ngqo emagxeni ecandelo lezolimo kungekho esizweni kuphelela kodwa ehlabathini liphelele. Ngaphandle kwemingeni neemeko zoxinzelelo ezinabela kude ngaphaya kummandla wezepolitiki nezilungisa okungalunganga kwexesha elidlullileyo, icandelo lezolimo licelwe ukuba libe nendima ephambili ekwakhwiensi koMzantsi Afrika omtsha.

Umphembeleli womlimi weenkozo ongathathi cala kwezopolitiko oyGrain SA, uphawule kwanago ukuba icandelo lezolimo lidinga inguuko nokuthi kubaluleke kakhulu ukuzabalazela iimeko apha bonke abalimi beenkozo nokuba ngaboluphi uhlunga, banefama enkulu kangakanani okanye isakhono esikhulu kangakanani bafanele ukuba nelizwi elinye lomanyano elimele icandelo nelihlangabeza izidingo nemingeni efanayo. Kwenziwe isigqibo enKomfeni ke ngoko sokumisela icandelo loPhuhliso IwabaLimi phakathi kombutho ukuze lijongane nophuhliso Iwabalimi. Le nkqubo oko yalawulwa nguJane McPherson ukususela ngo-2005 kanti seyifikelele enzulwimi yeentliziyo zabalimi kulo lonke ilizwe.

Ubizo lwethu kukuxhabisa abalimi abamnya ma abarhwebayo nokufaka igalelo kubukho bokuya okwaneleyo emakhaya nasesizweni ngokusetyenziswa komhlaba nemithombo yoncedo efumanekayo kubalimi ngeyona ndlela ifanelekileyo. Uggaliselo Iweqela leFDP belukufumanisa iindlela ezifanelekileyo zokufaka igalelo kwiphupha lecandelo elimanyeneyo nelinenkqubela lezolimo ngelixa liphumeza inguuko ephilayo nelondolozekayo kwicandelo elilima iinkozo.

Yinjongo yethu ukufaka igalelo ekuphuculweni kwabantu ngabanye abasebenza kwezolimo noku-phumeza amathuba okuyilwa kwengeniso aphi-

FROM SUBSISTENCE



TO COMMERCIAL



culiweyo ukwenzela abo abanofikelelo emhlabeni. Ngawo onke amaxesha eli qela ligqalisela ebantwini esisebenza nabo, ngenjongo yokwakha ubudlelwane obuphilayo nabalimi abasaphuhlayo beenkozo.

Ngokuncedisa abalimi ukuba basebenzise umhlaba osezandleni zabo, nokuba ungakanani, eli candelo liya kukwazi ukukhuthaza ukukhula koqoqosho Iwasemaphandleni ngokunjalo limisele isiseko seminye imisebenzi yophuhliso. Amanqanaba entswelo-ngqesho aphezelu kanti nangona icandelo leenkozo lingadingi basebenzi baninzi kangako asekrona amathuba engqesho

adaleka emaphandleni ngenxa yemisetyenzana ephambilili yezolimo.

Sikholelwa ekubeni uphuhliso olulondo-lozekayo Iwenzeka xa umlimi othile exhobe ngendlela eyenza ukuba akwazi ukuzithwalela ngokwakhe uxanduva Iwemisebenzi yakhe. Abalimi bafanele ukuxhotyiselwa ukuba bazi-qhubele ngokwabo umsebenzi wasefama kangangoko banokwenza kunokuba basetyenzelwe ziikhontraktha. Ngaphaya koko, apha kunokwenzeka khona, abalimi mababe nezhobo zokusebenza zabo ukuze bangaxhomekeki kwabanye ababoneleli beenkonzo.

Itheyibile 1: liprojekthi zeMaize Trust.

liprojekthi

Ukumiselwa nokunikwa kweenkonzo

kumaqela ofundonzulu

Uqequesho

Unxibeletwano: iPula Imvula

Inkxaso enikwa abalimi ngabanye

UPHULISO LWABALIMI

UWilliam Matasane uqhuba ifama kufuphi neSenekal kwaye ulilungu elineqhayiya ngeGrain SA. Uyavuma ukuba ebengenalwazi engenazo nezakhono zobuchule phambi kokuzibandakanya nalo mbutho. **Uyayibilela iNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi ebalaseleyo nolwazi aluzuze kumaqela ofundonzulu na-kwiintsuku zabalimi, ulwazi Iwakhe malunga nokulinywa kombona kunye noojongilanga, ucwangcisel oIwemithombo yoncedo nangolawulo Iwefama Iwande kakhulu. Uthi nangoku kukhulu asafuna ukukufunda ngeSafex nangokurhweba ngeenkozo ukuze ayilawule kakuhle intengiso yesityalo sakhe.**

UMavis Hlatshwayo, uMlimi oLimela ukuziPhilisa wangoNyaka ka-2017, uthi, 'Ndiyibilela kakhulu le nkqubo, kuba elizweni apho izigidi zabantu zilala zilambile, ndivuna umbona owaneleyo wokondla usapho Iwam. Ndiyakwazi nokuthengisa oshiyeki-leyo ukuze ndizingenisele imali.'

UJune Shongwe uqhuba ifama kwi-sithili sase-Ehlanzeni kwaye wayecetyiswa nguMphathi weNgingqi, uJerry Mthombothi uthi, 'Ndizuze ulwazi oluninzi ngendlela echanekileyo nenenzozo yokuqhutwywa kwefama ukususela ngoko ndangena kwiGrain SA ngo-2012. Ndifundiswe ngembewu yodidi olulungileyo, ndaboniswa ngokuthatha iisampulu zomhlaba ukuze ndisebenzise futhi ndifake izichumiso ezifanelekileyo ndaboniswa nendlela yokuqwalesela ipH yomhlaba wam. Ndiphinde ndaboniswa ukuba zeziphi izitshabalalisi zokhula endinokuzisebenzisela ukutshabalalisa ukhula.'

Sisebenzisa uluhlu olubanzi Iwemigaqo yoku-fundisa ukudululisa imiyalezo ngokulinywa kwezi-tyalo kwanamhla, ukubaluleka kokuphendula ngezenzo zakhe umntu kunye nokugcinwa kweengxelo ngokunjalo nobucukubhede bemithe-tho-siseko yolawulo Iwamashishini. Okubalulekileyo ngokweenjongo zethu **ngumlinganiselo**

wempumelelo oyimveliso eyiyona ilondoloze-kayo yezityalo ezifaka inzuko ngehektare nganye kunenani liphelele leehektare ezilinyiweyo, okanye inani liphelele leeton iezivuniweyo.

Abaphathi beengingqi

I-FDP imisele umzekelo obalulekileyo wengingqi owenze ukuba ukwakha ubudlelwane nabalimi kune namashishini ezolimi kube nako ukwenzeka. Balithoba abaphathi beengingqi abanika iinkonzo kubalimi nabalimi asebekwibanga eliphezulu abanika iingcebiso kwiqingqi ezsintloko ezilima iinkozo zaseMzantsi Afrika. Iofisi nganye inomntu ongumphathi nomncedisi wolawulo Iweofisi. Okuqhele-kileyo, kukuba umphathi ngamnye uba nohambo olumalunga nama-4 000 km ngenyanga nganye!

Abaphathi beengingqi abalithoba ngaba:

- uJerry Mthombothi – eNelspruit;
- uDu Toit van der Westhuizen – eLichtenburg;
- uJurie Mentz – eLouwsburg;
- uGraeme Engelbrecht – eDundee;
- uJohan Kriel – eLadybrand;
- uSinelizwi Fakade – eMthatha;
- uIlan Househam noLuke Collier – eKokstad naseMaclear; kananjalo
- uLiana Stroebel – ePaarl.

Amaqela olwahlulelwano

Esinye isithako esisentloko sempumelelo yethu **Iuthungelwano Iwamaqela olwahlulelwano aqhabela phambili** esilusekileyo. Asiphawuli kuphela ukuba ububanzi bomsebenzi wethu bunxulumene ngokungqalileyo nenkqaso yabahluelane bethu – kodwa siyakholelwa ngokunjalo ekubalulekeni kokungqonga umlimi ngamnye ngothungelwano olubanzi lobungcaphephe olufikelela ngaphaya kweqela leFDP kwaye siya kuqhuba ngokuxhasa abalimi kwiqingqi zabo naxa sekukudala emva kokuba bengasayidingi inkxaso yophuhliso. Siwathanda kakhulu ngenxa yesi sizathu amaqela olwahlulelwano esikwaziyo ukwabelana nawo ngombono wethu nanothakazelelo lokukhuthaza uphuhliso Iwabalimi.

Xa kuthethwa ngamaqela olwahlulelwano... iGrain SA ibe nethamsanqa lokufumana inkxasomali kwiarhente ezininzi kwiminyaka edlulileyo kuquka iMaize Trust, iWinter Cereal Trust, iOil and Protein Seed Development Trust, iSorghum Trust, iAgriSETA, iARC, amaSebe kaZwelone ezoLimo, ezamaHlathi nezokuLoba DAFF) kunye neSebe loPhuhliso IwamaPhandle nokuBuyiswa kwemiHlaba (DRDLR) (ukwenzela ukuxunywa kwabalimi) ngokunjalo namasebe karhulumente amaninzi ahluka-hlukeneyo eeNgingqi zeDAFF nawoPhuhliso IwamaPhandle. Singanakho kuphele #UkwenzauMahluko xa sifumana inkxaso enje yokuzinikela.

Abaxhasi abaphambili bemisebenzi yethu kwithuba lemisebenzi yango-2017 ibingaba:

I-Maize Trust

Sisoloko sinombulelo ongazensiyo ngegalelo lombono wabaThenjwa, eluncede kakhulu uPhu-

hilo IwabaLimi IweGrain SA kwimpumezo yenqubo ebalulekileyo nexhobisayo abaxhmalayo kuyo abalimi abasaphuhlayo baseMzantsi Afrika.

UKususela ngoko kwakusekwa iGrain SA kuJuni wango-1999, intsebenziswano phakathi kweMaize Trust neGrain SA FDP ibe negalelo elibalulekileyo kumbono karhulumente kazwelone wokuxhesha inguquku kwicandelo lezolimo. Olu Iwahlulelwano Iwenjenje:

- Lunike inkxaso kwimfundu nophuhliso Iwezakhono zobuchule zabalimi.
- Luzondele eyona mveliso iphucukileyo ngomlinganiselo wendawo ngokusebenzisa izendo ezibalaseleyo zanamhla nemigaqo yokufama.
- Luphucule umgangatho wabalimi abasahlu-mayo ukuze ufilele kowemveliso yombona kazwelone ngokwenza njalo lunike inkxaso enku ekuphuculweni kobukho bokutya okwaneleyo.
- Lomeleze ubudlelwane kunye neenkqubo zenkxaso phakathi kwabalimi abasaphuhlayo kunye nothungelwano ololuliwego losomagunya becandelo nabenzi beendima. Uninzi Iwabalimi bombona eMzantsi Afrika alukalimeli inqanaba lokurhweba. Abaninzi basalmela ukuziphilisa ngokulima iinkozo ezsityenziswa lusapho, kubekho intshiyekela encinane yotshintshiselwano okanye yokuthengisa. Ngezizathu ezahluka-hlukileyo abafuman siyuno/ngehektare ebebefanele ukusifumana.

Abanye abalimi nangona belima izityalo zezixa ezhikhulu nabo abakafeleli kwizivuno ngehektare abafanele ukuzifumana. Naxa oku mhlawumbi kusisiphumo sokungabi nazimveliso zamalungiselelo ezsiegangathweni, kusenokunxulunyaniswa nonqongophalo lolwazi nezakhono zobuchule malunga nemigaqo yokulima efanelekileyo yanamhla ngokunjalo nokungabi nangqiqo yolawulo loshishino kunye nezakhono zobuchule bokuthengisa. Ulwazi nezakhono zobuchule ezinjalo zinefuthe elingqalileyo kwiziphumo ezifumanekayo ngokunjalo nasekuphileni nasekulondolozeni amashishini okufama nokuba ngawokuziphilisa, awokurhweba kancinane okanye awemisebenzi ekhulayo yorhwebo.

UMzantsi Afrika unabali abaninzi abamnya-ma abasaphuhlayo nabalima umbona ngokubu-khulu bemisebenzi eyahluka ngokubanzi, ukususela kubalimi abalimela ukuziphilisa nabarhweba kancinane ukuya kwabarhweba kumgangatho ophezulu. Injongo yeGrain SA FDP kukuxhobisa abantu ngabanye ngophuhliso Iwezakhono zobuchule, ngo-qeqesho nangongenelelo Iweengcebiso, ukuze kufumaneke izivuno ezizona ziphezulu kwihektare nganye ayilimayo umlimi, nokuba ufilele njani emhlaben okanye mikhulu kangakanani imisebenzi yakhe yokufama.

Kuvuyisa kakhulu ukubona ukuba nokuba mkhulu kangakanani umsebenzi, xa abalimi beyazi into abafanele ukuyenza, nini, oko kuthetha ukuba bakuxhobele ukuhamba baye kwenza izinto ezelungileyo ngokusebenzisa ulwazi Iwabo olutsha emsebenzini abawenzayo, ngaphandle

Kujongwe emva entla kwegxalaba ku-2017

kwamathandabuzo bafumanisa ukuba amalinge abo aselexhotyiswe ngolwazi akhokela kwi-zivuno eziphuculiwego. Siyawubulela umsebenzi owensiwe yile nkqubo kuba amawaka abalimi abasaphuhlayo eMzantsi Afrika sebevuna imivuzo yokwenza izinto ngokuchanekileyo ngexesha eli-lungileyo nangendlela elungileyo.

I-Winter Cereal Trust

I-Grain SA FDP elungiselelw iKoloni eseNtshona neseMzantsi ilawulwa nguNks Jane McPherson, Umphathi: woPhuLiso IwabaliMi ize iphunyezwu nguLiana Stroebel ofumana inkaso yolawulo lweofisi kuHailey Ehrenreich kwifosi yengingqi yeGrain SA esePaarl. Le ofisi yophuLiso inoxanduva lonxulumaniso Iwavo onke amaqla ofundonzulu neentsuku zabalimi ezibanjelwe kwingingqi kwaye inoxanduva olunggalileyo lokugjithisela phambili iinkukacha ezithile zecandelo lengqolowa ngokunjalo nokuchongwa kwezcicwangciso-cebo zokunyuswa komgangatho wobuchule onokuxhobisa abalimi nangakumbi.

Iprojekthi zophuLiso lokufama kwingingqi eseNtshona Koloni neseMzantsi Koloni ziqaHuba ngokunika iinkonzo kumafama kangangoko ezi-malunga nezakhono zobuchule, uthungelwano, ubungcaphephe kwizityalo ezithile kune ne-nkaso yokuphucula ukulinywa kwengqolowa, ngakumbi ngenjongo yokuxhasa aba balimi bade babe semgangathweni wokurhewba.

I-Grain SA ikholelw ekubeni iinjongo zethuba elide ziya kuphunyezwu ngokuphuculwa kweza-khono zobuchule ngokuxhotyiswa kwabalimi abasaphuhlayo nabasebenzi basefama kwiindawo ezilima ingqolowa ngokusebenzia imigaqo eyahluka-hlukileyo yonxibelelwano nangokusasa-zwa kweenkcukacha malunga noshishino lwengqolowa ukuya kwicandelo lezolimo eliphuhla ngokubanzi ngokusebenzia iPula Imvula nangokukhuthaza ubudlelwane phakathi kwabalimi nabanya abadlal-zindima kwicandelo.

Inkaso-mali njengoko yamkelwe yiWinter Cereal Trust (WCT) ukwenzela unyakamali ka-2017 iyikhuphela ngaphandle yonke inkaso engqalileyo yeendaleko zokusebenza nezabasebenzi zokulawula iofisi yengingqi yasePaarl. Ngokunjalo ayisenga-galeo kwinkxaso-mali yemisetenzana ephambili eyaziwa ngokuba ngamathuba otyelelo Iwasefama omntu-omnye-nomnye okanye izindululo ezibanzu zamagela ofundo-nzulu. Oku kuthetha ukuba inkaso-mali yeWCT isetyenziselwa kuphela oku: iNtsuku zabaLimi, inkqubo yoMimi woNyaka, iZiFundo zoQeqesho neziNto zokuFunda ngokunjalo nonxibelewano ngokusebenzia imaqzini (ulindixesa) yePula Imvula.

I-Oil and Protein Seed Development Trust
Sikholelw ekubeni izityalo ezilawulwa yiOPOT ezifana noojgilanga, iimbotyi zesoya, icanola

Itheyibhile yesi-2: Inkaso-mali ye-Maize Trust.

Iofisi ezilandelayo zifumene inkaso-mali yeMaize Trust yemisebenzi yamaqela ofundonzulu:

	eDundee	eKokstad	eMaclear	eNelspruit
Abalimi abalimela ukuziphilisa	1 961	1 722	1 052	1 293
Abalimi abarhweba kancinane	15	14	18	45
Abalimi abanesakhono sokurhweba	1	1	2	1
Abalimi abaRhwebayo beNew Era	4	3	2	0

namandongomane zinendima ebaluleke kakhulu kwimijikelo yokulinywa kwezityalo esetyenziswa ngabalimi esisebenza nabo, nokuba ziyinxalenye yenqubo yokujikeleziswa kwezityalo, zinefuthe ekuphuculweni kokuphila komhlaba okanye xa zilinyelwa ukuphucula ubukho bokutya okwaneleyo kwamakhaya.

Abalimi abaninzi banyenzeleka ukuba baqwalasele izityalo ezizezinye ngenxa yokuba amaxabiso ombona ephantxi koxinzelelo, oko kubangela ukuba ukulinywa kombona kungabisathandwa kakhulu. Sifanele ukuqinise-kisa ukuba ueqeqesho malunga nemisebenzi yokulima neenkqubo zokudluliselwa phambili kolwazi kune neengcebiso ziayfumaneka kubalimi ngalo lonke ixesa lokulima.

Kude kube ngoku iOPOT ibe negalelo kwizifundo zoqeqesho eziliqela ezizezi.

I-Pula Imvula

I-OPOT inika inkaso-mali ngamakhasi amane eentlelo zikaOkthoba, kujanyuari, kuEpreli nakuJulayi zikalindexha (imazagini) wePula Imvula. Amanqaku abhalwa ngabaphandi abanamava neengcali kwezolimi ukwenzela nggo uwangciseloo IwabaliMi abasaphuhlayo. Nangona iinkonzo zenguqulelo zineendleko zazo, zincinane xa kuqwalaselwa amandla olwazi kune nifikello olukwaziyo ukwenziva ngabafundi abaninzi ngenxa yokunika kweenkcukacha ngezinye zelwimi zethu zomthonyama.

I-Monsanto

Kulo nyaka iMonsanto yenze iminikelo yobubele kwiindleko zokwenziwa komsebenzi **kwiifisi zeengingqi** eLichtenburg, eLouwsburg, eLadybrand, eMthatha, eKokstad. Baphinde benza iminikelo yobubele **yeeplozi zovavanyo** ezilinywa kwiiprojekthi zeengingqi ezhahluka-hlukileyo elizweli liphelele.

I-Monsanto kwakhona ifake izandla **kwiINtsuku zabaLimi** kwingingqi yaseLadybrand. Kule mihiha abantu bayo ngobuninzi kuzo futhi abalimi abazingxali ngolwazi kuphela kodwa bakwasebenzia ithuba ekwakheni uthungelwano Iwabo nabathengisi beermveliso zamalungiselelo kune nabamel boshishino Iwezolimo. Lithuba elingu-mmangaliso ukubonisa abalimi iimveliso ezintsha namalinge anokwenzeka amatsha.

Okuqaphelkayo yinyaniso yokuba indibano equuzelelw eFouriesburg ibiluSuku IwabaliMi lvesumi obelukwifama yeLungu leBhodi yaseGrain SA uMnumzana uJaco Breytenbach ngokusebenzisana neMonsanto. I-Monsanto iphinde yakuhlulelwano neGrain SA ekunikeni inkaso kuluhlu olutsha lokhutshiswano lomLimi woNyaka: **Umlimi woNyaka oneSakhono sokuRhweba** ekwaggwesa kulo uPaul Mvelekweni Malindi wase-Edenville.

I-Afri

I-Afri yenze iminikelo yemali yobubele ukuxhasa iindleko zokwenziwa komsebenzi **kwiifisi zeengingqi** zaseLouwsburg, eDundee naseLadybrand. I-Afri iphindie yanikela ngeziphoo kwiqela leeNtsuku zabaLimi. I-Afri isoloko ikuthakazelela ukuthenga umbona kubalimi abalima kancinane kwaye ibe nenxahheba kwiINtsuku zabaLimi apho ichaza khona iindleko zokuthengisa, iindleko zokugcina ukuya namalungiselelo okubekwa kwamaxabiso.

I-Pannar

Ngethuba likanya-mali ngo-2017 iPannar yancedisa **ngeendaleko zokwenziwa komsebenzi** zeofisi yaseMaclear yethu enika iingcebiso ubukhulu becalo kubalimi abalimela ukuziphilisa nabarhweba kancinane. Isakhono sezolimo apha sisengangathweni ophezelu nangona kunjalo ukusetyenziswa komhlaba akukafezeki kwaye kukho izithabazi ezingasetyenziswayo zomhlaba.

I-Pannar nayo yenze iminikelo yobubele ekulinwyeni **kweeploti zovavanyo** elizweli jikelele yaphinda yaxhasa usungulo **iINtsuku zabaLimi**. Kubaluleke ngakumbi ukupaphela ukuba iiploti zovavanyo zilinywa ngokuwubeka phambili umba wabali ngoko ke imigaqo esetyenziswa ngabalimi yimigaqo esetyenziswa kumalungiselelo, ekulimeni nasekukhuliseni izityalo. Injongo kukubonisa abalimi into abanokuyizuza ngento abanayo ezandleni zabo xa besebenzisa imigaqo ebalaseleyo yezolimo.

I-Grain SA

Emva kwesigqibo seNkomfa sokuqinisekisa uphuLiso IwabaliMi kwingingqi eziphambili zokulima iinkozo, iGrainSA ifake igalelo **kwiindleko zokwenziwa komsebenzi** weeofisi zethu zasePaarl naseLichtenburg.

UPHULISO LWABALIMI

Intshayelelo ngokuLinywa kweeMbocyi zeSoya

Iphondo	Iofisi	Umqequeshi	Inani labafundi
eFree State	eLadybrand	Fanie Pienaar	24
eMntla Ntshona	eLichtenburg	Boebie van Rensburg	19
KwaZulu-Natal	eLouwsburg	Paul Wiggill	18
eMpumalanga	eLouwsburg	Paul Wiggill	14
KwaZulu-Natal	eDundee	Gareth Alcock	25
eMpuma Koloni	eKokstad	Eric Wiggill	23
KwaZulu-Natal	eDundee	Chris de Jager	26
KwaZulu-Natal	eDundee	Paul Wiggill	25
eMpumalanga	eLouwsburg	Paul Wiggill	15
KwaZulu-Natal	eDundee	Gareth Alcock	15
eMpuma Koloni	eKokstad	Eric Wiggill	26
eMpuma Koloni	eMthatha	Sarel Pretorius	24
KwaZulu-Natal	eDundee	Paul Wiggill	19
eMpuma Koloni	eMthatha	Eric Wiggill	16
KwaZulu-Natal	eDundee	Gareth Alcock	25
eMpumalanga	eLouwsburg	Chris de Jager	16
KwaZulu-Natal	eDundee	Paul Wiggill	25

Intshayelelo ngokuLinywa kwamaNdongomane

KwaZulu-Natal	eDundee	Gareth Alcock	10
eMpumalanga	eLouwsburg	Chris de Jager	15
eMntla Ntshona	eLichtenburg	Danie van den Berg	16
eMpumalanga	eNelspruit	Shadrack Mabuza	22
eMpumalanga	eNelspruit	Gawie Alberts	24
eMpumalanga	eLouwsburg	Gareth Alcock	18
eMpumalanga	eNelspruit	Gawie Alberts	22
KwaZulu-Natal	eDundee	Chris de Jager	12

Intshayelelo ngokuLinywa kooJongilanga

eMntla Ntshona	eLichtenburg	Boebie van Rensburg	13
----------------	--------------	---------------------	----

Ukulinywa kwecanola

eNtshona Koloni	ePaarl	Chris Cumming	6
eNtshona Koloni	ePaarl	Chris Cumming	7

UBoebie van Rensburg unike ingcaciso ngesi sifundo kufuphi eBrits waze wanika ingxelo ethi abalimi balambele iinkukachacha ezithe vetshe. 'Ulwazi abanalo abalimi apha ngokulinywa koojongilanga lusemgangathweni. KwiXesha elidlulileyo lokulima bebenemvula eyaneleyo kanti abanye babo baxele izivuno ezifikelela kwiXtoni eziyi-1,5 ngehektare. Banomda wezinye izifundo kanti bakwafuna nesi-fundo nglondololo Iwetrekta.'

U-RI Molefe: 'Ndifumene ulwazi oluninzi esifundweni.'

U-Uhuru Zikala: 'Ndiyabulela kakhulu ngokwenza izihloko ebeziya kuba nzima, zibe lula kakhulu.'

U-P Molefe: 'Ndincedakale ngenene ngesi sifundo kwaye ndizube ulwazi oluninzi.'

U-LB Dlamini: 'Isifundo besiquelethe ulwazi oluninzi kwaye siyinto ekwaziyo ukwenzeka.'

UFanie Pienaar unike ingcaciso ngesinye sezi zifundo kufuphi eWelkom futhi wanconywa ngengcaciso yesifundo sakhe nangokuthi ukwenzene kwalula ukuba wonke umntu aqonde.

UJ Moki wathi: 'Isiquulatho sesifundo sichazwe ngendlela elula nelandekayo. Besilula noko nasemntwini ongafundi ezolimo ukuwuqonda umba obuchazwa. Sicaciswe ngemigaqo elula nangemiba eyahluka-hlukileyo engenabugocigoci. Amanyathelo assiseko, afana nomhlaba nokulungiswa kwawo ukwenzela ukutyala acaciswe kakuhle, umntu ukwazile ukwahlukani-sa phakathi komhlaba nokhula. Umhlohlili usazi ngenene isihloko sakhe. Uyancomeka umgaqo awusebenzisela ukufundisa. Uyakwazi nokwenza ukuba isiquulatho sesifundo sisebenziseke. Kwatsho kwalula ukukuqonda athetha ngako. Kanti nemizekelo ibilula ngokunjalo izichukumisa iintlizyo zabo ebebafundisa.'

UM Tseletsele: 'Mna ngokwam ndiziva ndifunde lukhulu kwisifundo kwaye kungandivuyisa ukubona umhlohlili uThabo okanye ummeli waseGrain SA esityela kwifile zethu ngabanye okanye ezeembumba zentsebenziswano.'

Kuya kuba luncedo xa benokubona iimeko zeefama zethu umzekelo iintloblo zomhlaba nokuthi ingaba ikufanele na ukulinywa kweermbotyi zesoya.'

Ingxelo ebuyiswa ngabalimi ibonisa ukuba isifundo besiquelethe iingcebiso kwaye baxhamle kuso.

UElroy Michaels: 'Ndinqwelenela ukuphawula ngokuthi isifundo besiyimpumelelo kum. Ndiye ndasonwabela kwaye ukuya kuso ibilithuba lohlobo olulodwa kakhulu. Ukuba sinokubakho esinye isifundo esinikwayo, kungaligugu kum ukuba ndiphinde ndiye.'

UDaniel Arends: 'Ndifumene amava amangalisayo ekufundeni negecanola kwaye ndisafuna olunye ulwazi olungaphaya kolu. Ndiyalubulela uqequesho. Ndixhamle kakuhle nangoqequesho lokusebenzisa izandla xa kusenziwa uphando ngamasimi.'

UGareth Alcock wenze ingcaciso kufuphi eMtshezi (kwisithili sase-Escourt) waze wenza ingxelo.

'Ingxelo ebuyiswe malunga nesi sifundo ibinika ithembia, nje ngoko abafundi bexelile ukuba baziva befumene ulwazi olwaneleyo kwiXsi fundo ukuba bazame ukulima amandongomane. Balqela abafundi ababalule umda wabo wokulima amandongomane kweli xesha lokulima, futhi bacele iinkukachacha zogzagamshelwano nabathengisi bembewu yamandongomane.'

UDanie van den Berg unike ingcaciso ngesifundo eMakwassie.

UAnanlise Ntwago: 'Isifundo siqube kakuhle kakhulu. Ndifunde izinto ezinini ngamandongomane. UMinumzana Danie ebvacacisa kakuhle. Ndikuqonde cacileyo akuthethileyo.'

UBartus Maerman: 'Isiquulatho sesifundo besiphuphuma ziinkukachacha.'

Kujongwe emva entla kwegxalaba ku-2017

Abanye abaxhasi ababalulekileyo beendleko zokwenziwa komsebenzi kwiiOfisi zeeNgingqi ngaba:

- iSasol Base Chemicals
- iSilostrat

La ngamaqumru akholelwa ekubeni uphuhliso olulondolozekayo lwezolimo lungumcimbi ophambili kweli lizwe ngoko ke azinikele ekwenzeni umahluko kwicandelo lezolimo laseMzantsi Afrika ngokwahluvelana neNkqubo yoPhuhliso IwabaLimi yaseGrain SA.

I-Jobs Fund – Ukususela ekuziPhiliseni ukuya kwiNdyebo

I-Jobs Fund Iusungulo oluvela kuNondyebo ka-Zwelonke. Le projekthi ephunyeza luPhuhliso IwabaLimi IwaseGrain SA isekwe ngendela enje 1:1 inkaso-mali – kungqinelaniswa nenkxaso-mali evela kwabanye abahlulelane. Kule meko umnikelo ovela kubalimi kune nexabiso lemali eyikheshi ezizaphulelo zoshishino zenza ‘umnikelo ongawabo’ osuka ungqinelaniswa yiJobs Fund. Iprojekthi yangoku yiprojekthi yeminyaka emine esinokuba nenxaxheba kuyo ngokubulela aba:

a) Intsebenziswano yabaxhasi

- I-Monsanto inikele ngezaphulelo ngembewu ecukaniswayo yeziqalelo zofuzo nange-Roundup;
- I-Syngenta inike abalimi izaphulelo ngezibulali zokhula nezezinambuzane;
- I-Kynoch inike izaphulelo ngemixube yokutala nangomaleko wangaphezulu;
- I-SA Lime & Gypsum inike isaphulelo setoni enye yekalika ngomlimi ngamnye;
- I-Sasol Trust inikele ngemali eyikheshi malunga neendleko zeemveliso zamalungiselelo; kananjalo
- Inkubo yeREID yeDRDLR yenze umnikelo wemali eyikheshi weemveliso zamalungiselelo yaze yongeza nabanye oomatshini.

b) Umnikelo wabalimi

Abalimi nabo bonke bafanele ukwenza umnikelo ongawabo owanda ngonyaka ngamnye kwiminyaka emine, oko kukuthi 25% - 40% - 60% - 80% ukuze ngonyaka wesihlanu abalimi bahlawule i 100% yeendleko. Kukho ithemba lokuba oku kuya kuba xhobisa kwithuba lemnyaka emihlanu ngezakhono zobuchule nangobungcaphephe ukuze ba-zihubele ngokuzimela nangolondolozo.

Ngexesha lokulima lango-2016/2017 abalimi abangama-2 905 baba nenxaxheba kwihekta ezingama-4 317. Le projekthi ibandakanya abaphathi beenginqi kune nabacebisi abongezelweyo abangama-26 ababexhasa abalimi. Izityalo ezilinywe ngaba balimi bezizihle kakhulu – ezininzi zavunwa ngezixa ezingaphezu kweetoni ezi-5 ngehektae, kanti ezinye bezininzi kangangeetonu ezili-9 ngehektae. Kwixesha elitsha lokulima kuya kubakho malunga naba-

limi abangama-4 000 kwihektae ezingaphezu kwezingama-5 000.

Isebe lezeNzululwazi nobuChwepheshe (DST)

Eli Sebe libe negalelo elikhulu kwinkqubo ekuthethwa ngayo ngasentla kunya odlulileyo. Uku-xhaswa kwezfundo kuhokelele kwingcaciso yezifundo ezingama-95 ngezi zihloko: ‘iiMycotoxin – uLondolozo oluKhuselekileyo loMbona’. Ezi nkucukacha zibaluleke ngakumbi kubalimi abaninzi abagcina iinkozo zabo ukuba zietyenziswe ngabantu nayimfuyo.

Isebe liphinde lanikela ngenkxaso-mali yokuthenga oomatshini bokubhula ukwenzela amaqela ofundonzulu athile laze laphendula nesidingo sesakhono solondolozo ngokunikela ‘ngeZindlu zeziKhwebu’ kubalimi beJobs Fund abanezivuno eziye zaphucuka kangangokuba bade bangabi nasakhono saneleyo solondolozo.

I-Santam Agri

I-Santam Agri inikele ngothando ngenkxaso-mali yokushicilela iincwadi zoqequeso zabafundi abebeye kwifundo zeDST malunga ‘neeMycotoxin – uLondolozo oluKhuselekileyo loMbona’ ukuze abalimi babe nencwadi yokuzikhumba ngesi sihloko sibalulekileyo kwixesha elizayo.

Iprojekthi yeJobs Fund ifune ingqokelela yeenkucukacha ezinobugocigoci neenkqubo ngeenkcukacha. I-Santam Agri ikhuphe umnikelo wobubele wezixhobo zeeGPS zobuchwepheshe obuphezulu ebezisetyenziswe ngabacebisi bethu beJobs Fund ngokwenjongo ezenzelwe yona.

Baphinde baba nenkxaso ekuthengweni koomatshini bokubhula abasisidingo esingxamisekileyo nesivele ngenxa yezenzo zokulima eziphuculiweyo nangenxa yezivuno ezibhetele ngaphezu kwezo ezikhe zabonwa ngabalimi beJobs Fund ngaphambili.

I- DRDLR – Inkubo yokuXuma noPhuhliso eFree State

Le projekthi ilawulwa nguJohan Kriel kwiOfisi yeNgingqi yaseLadybrand kwaye ijoliswe kuhuhliso Iwesakhono oko kukuthi, kuhuhliso Iwemfundo nezakhono zobuchule ngokunjalo no-phuhliso Iweziseko zezbonelelo namalungiselelo okwenziwa komsebenzi. Oku kujoliswe ekuphuculen iifama ebezifumaneka ngokubuyiswa kwemihlabu nangemigaqo-nkqubo yowlabiwo ngokutsha karhulumente kazwelone. I-Grain SA ibe nethamsanqa lokufikelela kwimali yenkxaso **yabalimi abali-17** kule nkqubo ngalo nyaka-mali.

Amaqela ofundonzulu

Umba wamaqela ofundonzulu usentliziyeni yeGrain SA FDP. Apha kulapho sidibana khona nabalimi, silufumana apha ulwazi ngeemeko ne-

mingeni abajongene nayo sakhe nobudlelwane bokuthembana; nalapho sikwaziyo ukwakha uthungelwano olulolona lomeleleyo nabo.

Ngenxa yokusoloko sibonakala ngokunjalo nobukho bethu ngeendlebe eziphulaphulayo, ilizwi leengcebiso ngokunjalo nokubalula ubushushu bothando lwethu ngokusetyenziswa kwaloo nto banayo ezandleni zabo ngobuchule nangolondolozo kangangoko, abalimi bafunde ukuba eli qela linoncedo oluthembekileyo.

lintlanganiso ziyanqu-guquka kwaye ziyahu-ka-hluka ngokunjalo ziqhytwa ngaphakathi ezindlwini, aphi kuboniswa khona iiDVD nePowerPoint nemiboniso ebakhuthazayo, kuphinde kufundelwe phandle, aphi abaphathi bethu bophuhliso kune nabacebisi bazingcolisa khona izandla zabo emasimini besenza imiboniso, bekhanda, kananjalo befundisa ngendlela esebezisa abathathi-nxaxheba. Kungale ndlela aphi abalimi bafunde ngayo ukuba sinenkathalo kwaye sinokuthenjwa!

Inkxaso yabalimi asebekwibanga eliphambili UMzantsi Afrika unabalimi abarhwebayo abangabona bakwibanga eliphambili ehlabathini. Kukho ikroba elibanzi phakathi kwabo nabalimi beNew Era beGrain SA abavuna iitoni zombona ezingama-250 emasimini abo kwaye bafama kwihektae nganye ukuze kufumeke esona sivuno siphezulu ngokomlinganiselo ophantse wangoworhwebo.

Abalimi beNew Era, enyanisweni, baqhubele phambili kude nenkxaso abayinika kwinqanaba lamaQela oFundonzulu (iinkukacha, uqequeso nemiboniso). Kuphawulwe ukuba aba balimi baqhubele phambili, enyanisweni, abakakulungeli ukuba ‘imitya yefasikoti inqanyulwe’ kwaye kungaba bubudenge ukuhamba nabo umgama omde kangaka size sibashiye ukuba ‘batshone okanye baqubhe’. Sekubonakele ukuba nangona be-qhubela phambili ngendlela ethembisayo, kweli nqanaba abalimi abaninzi abakakulungeli nciam ukungena kwizirtru zabalimi abarhwebayo baze bashiywe ngaphandle kwenkxaso.

Injongo ephambili yale projekthi yile:

- Uknika inkxaso yonyaka omnye eyandisewe yomtu-nomnye-umntu kubalingwa ababalaseleyo abaphekwe kwinkqubo yamaQela oFundonzulu ngokuphathelele kucwangcisel, ulawulo, ukufaka izicelo zemali nokunika ingxelo, njalo njalo.
- Emva kokuphela konyaka, bafanele ukukwazi ukuzilawula njengabalimi abarhwebayo abafumana iingcebiso ngefowuni ngamaxeshya athile kubacebisi babo.
- Ngonyaka ngamnye kuchongwa iqela elitsha labalimi baze banikwe inkxaso kwangale ndlela. Xa umlimi elimi ihektae nganye ngokwemiselo yorhwebo yesivuno kwaye uvuna iitoni ezingaphezulu kwezingama-250 ngonyaka, uya kuququzelelwua ukuba angene kwicandelo

UPHULISO LWABALIMI

- loukhwewa aze 'anikew' kubalimi abarhwe-bayo kuloo ndawo.
- Le nkubo ikukhuthaza ngokukhawuleza ukukhula kwenani labalimi abamnyama abarhwebayo.

I-Pula Imvula

Indima ebalulekileyo eddalwa lusasazo lweendaba ezishicilelwego ikwisakhono salo sokusasaza iindaba ezifunekayo ngokukhawuleza nangobuchule. Usasazo lukalindexha lubaluleke kakhu-lu ekwazisweni kwezimvo nezenzo ezintsha nasekululiseni izimvo ngolawulo Iwamashishini, uwangciseloh nohlahlo-mali.

Xa kuthelekiwa nerediyo neTV nazo njengezihobo ezisebenzayo zokudululisa kolwazi, ulindixesa osesandleni unokumana efundwa kumaxesha ngamaxesha kwakhona okanye aboniswe futhi adlulisew kwabanye abalimi. KwiGrain SA FDP ulindixesa selesisixhobo esisetenziswa ngamagosa ophuhliso nangabacebisi. Isiqualatho soolindixesa sikhola ukushukuxwa kakhu-lu kwiintlanganiso zamaqela ofundonzulu ukuze sibe sisixhobo soku-fundisa. Ngokunjalo, abalimi bakhola ukuya kumaela ofundonzulu bephethe ulindixesa esandleni ukuze babuze imibuzo ngenqaku alifundileyo umntu.

lingxoxo ezivelayo ziba lithuba lokufundisa kwabo bonke abakhoyo aphi. Ulindixesa ugqaliselwa kubaphulaphuli kwaye unemiyalezo enemi-fanekiso ukuze kucaciswe intsingiselo.

Ulindixesa omibala-bala wePula Imvula unikwa abamfundayo abangama-21 220 kuMzantsi Afrika uphelele ngeelwimi eziisixhenxe eizezi; isiNgesi, isiAfrikansi, iSesotho, iSetswana, isiXhosa, iSesotho sa Leboa nesiZulu. Uhlelo IwesiNgesi lupapasho Iwezorhwebo ololuliwego. Lo lindixesa ufumana inkaso ngendlela elandelayo:

- I-Maize Trust: Qho ngenyanga – amakhasi asibhozo.
- I-Oil and Protein Seed Development Trust: Qho ngekota – amakhasi amane.
- I-Winter Cereal Trust: Qho ngekota – amakhasi amane.
- Abaxhasi borhwebo: Uguqulelo ololuliwego IwesiNgesi: Qho ngenyanga – amakhasi asibhozo.

Uqequesho

Kunikelwa ngoluhlu olubanzi Iwezifundo simahla liqela leGrain SA FDP. Oku kuyakwazi ukwenzenka sibulela inkaso-mali yobubele esiyifumana kwitrasi iAgriSETA, iMaize Trust, iWinter Cereal Trust neeOil Seed Trust nakwabanye oosomagunya.

Inqubo yoqequesho inxulunyanisa nguGq Willie Kotzé othi ekunye nabaphathi beenginqi achonge izifundo ezifanele abalimi beqela lofundozulu elithile. Izifundo zethu zoqequesho zisekwe ngendlela yokuhlanganisa izifundo nokusebenza ngezandla malunga noluhlu olubanzi Iwezihloko

ezisekwa ngokwezfundo zobude beveki ezixhaswa ngabahlulelane botyalo-mali abalqela.

Uqequesho Iwensiwa ngolwimi Iwabalmi kwaye luyilwe ngendlela enefuthe efikelela kwangoko kumashishini abo okufama, kulwazi lolawulo Iwendawo yokusebenzela nakwizakhono zokulima imveliso. Ingxelo ebuyswa rhoqo ngabalimi isolo isiqinisekisa ukuba sibaxhobia sibomeleza ngendlela elungileyo.

I-Twitter

Ngonyaka wama-2017 sindulule iakhawunti yethu yeFDP Twitter: **Grain SA Farmer Dev.** Iadresi yethu ithi: **@gsafarmerdev**. Izihloko ezinee-pin zetweet eziyindlela yesondlo seendaba nenkcazel emfutshane yividio ngenqubo yethu. Ukuba unomdia kwinkqubela elandelayo yeqela lethu, wamkelekile ukungena kwiakhawunti yethu yeTwitter echaza qho ngeveki ukufama ngeenkozo nangemisebenzi yophuhliso kwilizwe jikelele. Singwenela ukukubona ngakumbi kwelo qonga leengxoxo ukuze sabelane nawe aphi ngeendaba zethu ezcace gca!

Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhalikiw Pula Imvula. Ngolwazi olithe vetshe, thumela i-imeyile apha jenjonmat@gmail.com.

limbono ngombona kwixesha lokulima elitsha

Kusoloko kuyinto entle ukujonga emva nokuhlaluty izifundo ezifundwe kwiminyaka edlulileyo ngokunjalo nokusebenzisa ezo zifundo ukucingela okuzayo nokunokulideleka kunyaka ozayo. Unyaka wentengiso ka-2017/2018 ngokuinisekileyo ubungunyaka omhle ngokuphathelele kwimveliso.

Ukulinwa kombona kufikelele kwisivuno esiman-galisayo esibangele iingxoxo ezithile kulo lonke ihlabathi. Nangona kunjalo, imveliso ephezulu iga-gane nemiceli-mingeni. Uthe uMzantsi Afrika uvuna ngaphezu kweetoni zombona ezingizidi ezingaphezu kwe-16, zabe izixa ezithunyelwa kwamanye amazwe zisenganeno kwebezinledeleke kurhwebo ngokunjalo namaxabiso ombona ebephantsi koxi-nelelo ngenxa yemveliso eninzi kakhu-lu.

Ngonyaka wentengiso ka-2017/2018, uMzantsi Afrika ubunesixa esithengiseka ngaphandle seetoni zezigidi ezi-4,8 zombona ziphelele, oko kuthetha ukuba eli lizwe lifikelele kwisidindo sentengo yangaphandle seetoni zezigidi ezi-4.

NgoDisemba ka-2017, umbona othengiswe ngaphandle uphelele ubuzitoni zezigidi eziyi-1,7 kuphela, sixa eso ebisinganeno kakhu-lu kwesili-nidelekileyo. Njengakumhla wesi-8 kuDisemba ngo-2017, umbona omhlophe ubuzitoni ezingama-540 097, ngelixa umbona otyheli ubuzitoni

zezigidi ezi-1,2. Ubukho obungamandla bombona otyheli ubukhulu becalo buxhaswa kwiindawo eziseMpuma zehlabathi, ngakumbi iJapan, iTai-wan neSouth Korea eziwuthenga kweli ukwenzenza ukondla izilwanyana zabo ubukhulu becalo. Nangona seyandile imfuno yombona otyheli xa kuthethwa ngokubanzi, ikakhulu kumazwe akufuphi nolwandle olunzulu, akubonakali ngathi eli lizwe liya kukwazi ukufeza isixa esifanele ukuthengiswa ngaphandle seetoni zezigidi ezi-4,8.

Omnye umneni elijongene nawo eli lizwe yimveliso eninzi esala ekuggibeleni, oko kwensiwa nayingxaki yokuthengisa kancinane emazweni angaphandle. Nayiphi na imveliso egciniweyo engathengiswanga ikhokelela kwizixa ezikhulu ezingiciniweyo, ngokwenza njalo kubekho uxinzelelo kumaxabiso alapha. Kulindeleke ukuba iimveliso ezingiciniweyo zibe ngaphezu kweetoni ezingizidi ezi-4, aphi umbona omhlophe umalunga nama 65% entshiyekela.

Ixesha elitsha lokulima

NgokweKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo, ukulinwa kombona jikelele kwixesha elitsha lokulima (2018/2019) kulindeleke ukuba kwehle nge 6%. Akumangalisi ke ngoko ukuba indawo elinywe umbona omhlophe inciphe nge 15% ngelixa ukulinwa kombona otyheli kulindeleke ukuba kwande

nge 8,2% xa kuthelekiwa nokwexesha elidlulileyo. Oku kubangelwa yintengo ephawuleka ngokuthe kratya yombona otyheli osetyenziselwa ukondla izilwanyana kakhu-lu kweli lizwe nasehlabathini.

Njengoko amaxabiso ombona selephantsi koxinzelelo, umbona omhlophe awusalinywa kangako nangenxa yenzuzu yavo ephantsi ngokunjalo nentengo yamazwe angaphandle. Abalimi abakushiyayo ukulima umbona omhlophe banokukhangela nezinye izityalo ezinenzuzo ethe kratya ezifana neemboty zesoya ukuze bafumane inzuzo enokutherenja bangaxinanisi imimandla wentengiso ngemveliso engathengiseki kakuhle.

Enyanisweni, esikuqapheleyo kukuba ixesa elidlulileyo lokulima linendima enkulu kokulindeleke kwixesha elitsha elizayo. Kubalulekile ukulandela okwenzeke kwixesha elidlulileyo ukuze kufunyaniswe okunokulindeleka kummandla wentengiso kwixesha elitsha lokulima.

Inqaku linikelwe nguMichelle Mokone, Ingcali yezoQoqosho kwezoLimo: eGrain SA. Ngolwazi olithe vetshe, thumela i-imeyile apha: Michelle@grainsa.co.za.



IZITYALO ZOKUTSHINTSHA

-nciphisa umngcipheko unyuse imveliso

Siphila kubume obungqongwe ziinguquko ezisolozi zisenzeka kwezolimo, ezoqo-qosho nemozulu. Inguquko kwimozulu yeli lizwe, neseyifumaneka kwiindawo ezirinzi, ubukhulu becalalawulwa bubushushu bolwandle obufumaneka kude kangangamawaka amaninzi eekhilomitha.

Oku kujika kubangelwe ngamandla aphezulu kakhulu angafaniyo ngamaxa athile aphuma elangeni eligqatza iilwandlekazi ukuze kwande isiqulatho sokufuma somoya osingqongileyo. Le nguquko yemozulu ekhokelela mhlawumbi kwimvula enciphileyo okanye eyandileyo ngokunjalo nezimbo ezitshintshileyo zinendrima yentshabalalo kwinquleqhu yocwangciselokulinywa kwezityalo zasemihlabeni eyomileyo nezinkenkceshwayo kwizithili ezikude nolwandle nezingaselunxwemeni.

Ezinye iindawo zifumene iimvula eziqhelekiyeo okanye ezingaphezu koko kweli hlobo nge-lixia ezinye zifumene imikhvitsho emincinane engange-24 mm kuphela ukususela kwi-2 mm ukuya kwi-7,5 mm. Le meko ilandela iminyaka emine okanye emihlanu edlulileyo yezimbo ezingaqhelekanga zokuna kwemvula. Enyanisweni abalimi abaninzi bemihlabu eyomileyo abakwazanga kugcina ukufuma okwaneleyo kumathuba efusi ukuze bakwazi ukuqinisekisa ukutyalwa kwezityalo eziziinkozo ngethuba elilelona lokutyalwa kwixesha lokulima langoku.

Ngokwasezimbalini imithamo yemveliso, yenene neyexesha elizayo yeenkozo ezingundoqo ezaahluka-hlukeneyo ichazwa ngokwamaxabiso ekhontrakthi yexesha elizayo kwiSafex ukuze isipumo sibe 'kwixabiso loqobo' okanye eleendleko zeSafex ekuthathwe kuzo umahluko wothutho nelihlawulwa abalimi ekuggibeleni. Njengoko isitsho intetho yakudala 'abalimi bathenga ngamaxabiso emveliso ezivenkileni baze bathengise iinkozo ngokwezixa ezikhulu'.

Ngenxa yezityalo eziziinkozo ebezintle kwimiyaka edlulileyo, iinkozo 'ezisendleleni' okanye ezigcinre kwsixokelelwano sentengiso zizinzise amaxabiso exesha elizayo ezona zityalo eziziinkozo ezinanzi. Kungaxoxwa ngokuthi malunga nala maxabiso kunzima kakhulu, ngaphandle kokuba kungaqlaselwa izivuno eziphezulu, ukuze ibenenzuso imveliso yeenkozo kwimihlabu eyomileyo.

Mhlawumbi eli lixesha elilungileyo lokusinga ngokuyeka ukulima umbona kuphela okanye ezinye izityalo kusetyenziswe uqukaniseloo lwemijikeleziso yezityalo ngokuthi phakathi kwemijikeleziso yeentlobo zeenkonzo kuphela kufakelwe izityalo zokutshintsha kuloo mijikezelizo.

Izityalo zokutshintsha kwimijikeleziso yezityalo eziziinkozo zemali eyikheshi

Ukufakelwa kwezityalo zokutshintsha, ezino-kuquka iinkozo ezityalelwa ubusika kunye nezi-

tyalo zehlobo, kuquka ukukhethwa okubanzi kwezityalo; kuya kunciphisa uxomekeko kwimveliso yezityalo zangoku zemali eyikheshi ezisemngciphekweni ophezulu kumjikelo onga-



Inggiqo enzulo ngezityalo zokutshintsha ngokwezithintelo zendawo yakho yokufama ingakunceda ngokukhetha nokulawula ezo zikhethelwe olona ncedo lphucukileyo.

IZITYALO ZOKUTSHINTSHA

nqunyanyiswayo weemveliso zasehlotyen'i okanye zasebusika.

Inkubo yokujikelezisa kwezitalo kunye nokuqkwa kwezitalo ezithile zokutshintsha ifanele okungenani inciphise umngcipheko woq-qosho ngokusasaza uxinzelelo olulondolozekayo lokulima izityalo eziziinkozo ngexesha ngalinye lokulima emhlabeni ngamnye olimekayo onawo. Ifanele ukuphucula ukuchuma komhlaba wakho nesakhono sawo sokugcina ukufuma ukuze izityalo ezcwangciselweyo zemali eyikheshi kumjikelo owangciselweyo zilinye kuselixesa emhlabeni othe kratya ngokuchuma nangokufuma.

Indawo nganye yokufama nokuba ilungele bhetele ukuba yeyesimbo semveliso yasebusika, yasehlotyen'i okanye yemediterranean iyawudinga umdibaniso wohlobo oluthile womtih'i wezityalo zokutshintsha ukuze kuphuculwe impumelole enokubakho. Ukfakwa kwale nkubo ngokunjalo kuya kunciphisa uxhomekeko kwiiseti zeetrekta eziya ngokwanda ngobukhulu nangamaxabiso aphezulu ngokunjalo nezihobo ukuze kulinywe iindawo ezinkulu kwithutiana elifutshane lokutyal. Luncedo olukhulu xa imveliso egciniweyo encinane neninzi inokumanyaniswa njengesityalo socwangciselero nanjengojikeleziso lwezityalo zokutshintsha.

ziquka isityalo esingamagaqa aqhethayeo, iiteniphu, imastadi ye-kale kunye nerapha. Ingqolowa yamahashe isisityalo esikhula ngokukhawuleza ehlotyen'i kwaye iphucula ukuhlaiziywa kwe-phosphorus kanti ingalinywa emva kwexesha lokulima.

Ezinye izityalo zokutshintsha ezinokukhet'hwa emva kwezemali eyikheshi

Emva kwengqolowa, iiertyisi zamachokoza amnyama zinokutyiswa imfuyo ukuze emva koko zitshatyalaliselwe ukufumaneka kwenitrogen yesityalo esilandelayo semali eyikheshi esinokuba ngumbona ukuba oko kucwangciselwe. Ujikele-



Iinzuso zezityalo zokutshintsha

Izityalo zokutshintsha zineenzuso ezinanzi eziquka ulawulo lohkukuliseko lomhlaba, ukunciphia kokugangathika komhlaba kunye nokulahlekha kwezondlo, ukwanda kokungcoliseka kwamanzi, ukuphuculwa kwempilo yokwahluka komhlaba, ukutshatyalaliswa kokhula nokucinezelwa kwezifio, ukwanda kokufunyanwa kwekhabboni emhlabeni, ukuhlaiziywa ngokupheleleyo kwezondlo, ukuphuculwa komoya, umgangatho womhlaba namanzi ngokunjalo nokwahluka-hluka kwendalo yasendle kunye nokuphuculwa kwayo.

Ingqiqo enzulu ngezityalo zokutshintsha ngo-kwezhintelo zendawo yakho yokufama ingakunceda ngokukhetha nokulawula ezo zikhethelwe olona ncedo luphucukileyo.

Izityalo zokutshintsha eziyimidumba zinokuse-tyenzisela ukumilisela initrogen emoyeni ukuze ibe ziintlobo ezisebenziseka emhlabeni. Izityalo zokutshintsha eziyimidumba eziqhelekleyleo ziquka iiertyisi zamachokoza amnyama, iiertyisi zasebusika, izityalo ze-crotalaria, ifula ebomvu, ifula eswiti, i-vetch enoboya (ekhula ngempumelelo enkulapho bekulinywe iimbotyi zesoya ngokungaphe-thuli umhlaba ngempumelelo eFree State), iimbotyi zesoya nelusini.

Izityalo ezigquma ingca ziquka izityalo zefula yasebusika efana neowuthsi okanye ikorog (triticale) kwindawo ekulinywa kuyo ehlotyen'i nayo ingaluncedo. Izityalo zee-brassica ezinokulinywa

ziso lwengqolowa/iimbotyi zesoya lwezityalo zokutshintsha lunokusetyenzisela ukuba luncedo. Irayi yesiriyeli, irayi yengca yonyaka wonke, ingqolowa, okanye iowuthsi zinokulinywa emva kweembotyi zesoya zakwangoko. Kanti irayi yesiriyeli ingaphinda ilinywe emva kweembotyi zesoya eseziuthwa okanye umbona kodwa makwenziwe kwangoko oko ukuze kumile kakuhle phambi kwasebusika.

Abalimi basenokwenza isicwangciso soku-tyala izityalo zokutshintsha kumjikelo owangciselweyo wethuba elithande ukuba lide phakathi kwemijikeleziso efana nombona, iimbotyi zesoya nojongilanga. Kukho imizekelo embalwa yemigaqo enokulandelwa.

Elokugqibela

Khangela izityalo zokutshintsha ezinokubakho nezinokusetyenziswa kwindawo yakho yokufama kujikeleziso lwakho olulolona lfanelekileyo lwezityalo zemali eyikheshi ukuze unciphise umngcipheko wemali ngokunjalo uphucule ukhwahluka-hluka kweemveliso ukuze kusukwe ekutyaleni okusoloko kuqhutywa kohlobo oluthile lweenkozo.

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi.

THUTHA ABASEBENZI BAKHO NGOKHUSELEKO!

Kulo lonke uthotho lwethu lwamanqaku, sigxininise inyaniso yokuba ishishini lokufama lelinye lamashishini anzima kakhulu ukulawuleka. Oku kubangelwa ziimeko ezithile ezinxulumene neshishini lokufama ezinjengemozulu nemijikelo emide yokulima.

Uthutho lwabasebenzi lukwangumba onxulumene neshishini lokufama – mhlawumbi kungaba lu-thutho lwabasebenzi ukusuka emakhayeni abo ukuya kwindawo yengqesho (okubonwa njengesenzo sangaphakathi emsebenzi) okanye uthutho lwabasebenzi ukusuka kwindawo ethile yefama ukuya kwenye indawo okanye kwenye ifama.

Nokuba ishishini loka-fama yifama enku-ku yorhwe-bo okanye yifama encinane, isidingo sothutho lwabasebenzi siya kuba khona ngelinye ixesa. Kwezinye iifama ngumsebenzi wemihla ngemihla kanti kwezinye wenziwa ngamaxe-sha athile naxa kukho isidingo. Nokuba lwenziwa rhoqo okanye ngexesha elithile kufuneka wenzi-we ngenkathalo.

Uthutho lwabasebenzi lusoloko lungumba oxhalabisayo kuba iingozi zisuka zenzeke zingalindelekanga futhi ngephanyazo. Ngoko ke, lungumngcipheko kanti imingcipheko idinga ukulawulwa ngendlela efanelekileyo. Kuyimfuneko ke ngoko ukulawulwa uthutho lwabasebenzi kakuhle. Xa benokwenzakala abasebenzi ngexesha lothutho aze umlimi/umnini afunyaniswe enempiso okanye engenankathalo, oko kungaba neziphumo ezinobuzaza.

Ngexesha lesenzo sokuthutha abasebenzi, nokuba bavela ekhaya baya emsebenzini okanye bayagoduka okanye basemsebenzini, abasebenzi, umqhubi wesithuthi, isithuthi kune nomlimi/umnini bayabandakanyeka. Iqela ngalinye lilawulwa ngemithetho nemimiselo yemithetho emiselwe-vo eyahluka-hlukeneyo. Ngoko ke, ukulawula lo msebenzi ukuze umngcipheko ube mncinane kangangoko kudinga ukuba umlimi/umnini ayazi ngokupheleleyo yonke imithetho nemimiselo.

Njengoko kuchaziwe kumanqaku angaphambili impilo nokhuseleko lwabasebenzi ibalu-leke kakhulu kwaye ilawulwa ngokwemimiselo yoMthetho oMiselweyo weMpilo noKhuseleko lwaseNgqeshweni (weNombolo 85 yowe-1993). Isiseko kukuba abasebenzi nabaqeshi mabayame ngemimiselo ekhankanywe kumthetho oMiselweyo. Ngaphaya koko, uMthetho ka-

kuthuthwa abantu phantsi kwezi meko bafanele ukuhlala phantsi emgangathweni. Abafanelanga kuma okanye bahlale emingciphekwani yezakhi zodonga. Xa kuvunyelwa ukuba abantu beme esithuthini, amacala magqumeke ukufikelela ekuphakameni okona kuncinane kwama-900 mm.

Isithuthi masibe kwimeko ekufaneleyo ukuba sendleleni kwaye sihlale silungiswa ngokunjalo singabi nazinto ezingayao ezinokuba yingozi kwabo bathuthwayo. Kananjalo isithuthi masibe nelayisensi efanelekileyo.

Xa kuthuthwa impahla nabantu ngaxeshanye kufanele kufake-lwe isakhelo esomeleleyo nesinokhuselo esiphakathi kwempahla nabantu uk-ze bakhuseleke.

Yonke imiba engase-ntla iluxanduva olungqalileyo okanye olungangqalanga lomnini kunye/okanye umphathi wezithuthi uk-quinsekisa ukuthotyelwa ngokupheleleyo kwayo yonke imithetho nemimiselo.

Xa kunokubakho ingozi ngesexha lokuthuthwa kwabasebenzi futhi bengabekwa sityholo ngokunjalo besemsebenzini, basenokufaka ibango kuKhomishina weMbuyekezo ngokweNombolo yoMthetho oMiselweyo we-130 yowe-1993, yoMthetho we-Mbuyekezo ngeeNgozi neZifo eziFunyanwa eMsebenzini (COIDA) njengoko kuxoxiwe kwinqaku langaphambil. Ngoko ke, kubalulekile ukuba abaqueshi babhaliswe kwiKhomishina, kungenjalo amabango anokufunwa kubo. Nangona kunjalo, xa umnini/umphathi efunyaniswe engenankathalo okanye engazanelisi iimfuneko zasemthethweni, izitholo zolwaphulo-mthetho zingabekwa kumnini. Kuyafana naxa umqhubi enokubhaqwa ukuba uqhube isithuthi phantsi kweempembelelo zesinxilisi okanye xa engenankathalo.

Uthutho lwabasebenzi lusoloko lungumngcipheko kubalimi ngoko ke lufanele ukulawulwa kakuhle, oko kuthetha ucwangcisel olufanelekileyo, ulungi-selelo, impumezo nokubek' iliso. Ukuba kuyenzeka, kucetyisa ukhuselo lweinshorensi ngokorhwebo ukuze kuhlawuleke amabango anokuvela abekwa ngokwegunya labucala kumlimi. Yiba soloko unovakalelo olunzulu ngempilo nokhuseleko lwabasebenzi bakho. Ungadlali ngempilo yabantu.



Zwelonke woThutho lwaseMhlabeni (weNombolo yesi-5 yowama-2009) uchaza ngokuthuthwa kwabasebenzi ngeenjongo zengqesho nalapho umqeshi abonelela khona ngothutho.

Umqhubi makabe nelayisensi yomqhubi esebebenzayo nehambelana nohloba lweithuthi ngokoMthetho oMiselweyo ngokuSetyenziswa kweeNdlela, (weNombolo 93 yowe-1996). Aka-fanelanga kuba phantsi kwazo naziphi iimpe-mbelelo zeziyobisi okanye nayiphi into enxilisayo eza kuchaphazelisa isakhono sakhe sokuqhuba kakuhle. Ukuba kuyafuneka, umqhubi makabe nayo neMvume yokuSebenza njengaxa abantu behlawulisa xa bethuthwa.

Izithuthi ezibandakanyeka ekuthutheni abasebenzi zinokuba yiveni, isigadla, itrektra okanye ibhasi. ngokoMthetho oMiselweyo wo-kuSetyenziswa kweeNdlela indawo yesithuthi abaya kuba kuyo abantu xa bethuthwa mayi-valeke kakuhle emacaleni ngokuphakama kwa-ma-350 mm ngaphezu komgangatho wayo apho baya kuhlala khona abantu. Qaphela ukuba xa

Athikele e kwadilwé ke Marius Greyling, mokwadi wa Pula Imvula. Fa o tlhoka kitso gape, o ka romela emeile go mariusg@mccacc.co.za.



I-DRDAR NEGRAIN SA zixhobisa abalimi baseMpuma Koloni

Ngonyaka wama-2017, iGrain SA ingene kwisiVumelwano seNqanaba leeNkonz (SLA) neDRDAR eMpuma Koloni.

Ingxam yenjongo yesi sivumelwano kukuseka ubudlelwane bokusebenza nolwahlulelwano malunga nokuxhasa uphuliso lwabali abalimela ukuziphilisa nabarhweba kancinane ukuze kwande izivuno zabo zibe kwibanga lezivuno zorhwebo. Kwakhona kukufaka igalelo kupuhliso olulondolozekayo lwamaqela oluntu lwasemaphandleni nakubukho bokuya okwaneleyo kwabo bonke abakwiiprojekthi zokulinywa kweenkozo; ukuchonga nokuxhasa iikhontraktha zeli lizwe ukuze kwakhwe isakhono sokusetyenziswa koomatshini phakathi kwamaqela oluntu; nokupuhlisa kananjalo ukuxhobisa abanemfundo yesidanga ngokuthi babe kubume obungqongwe ngumsebenzi owenziwayo omalunga nokufama ngeenkozo.

Baqikeleleka kwizigidi ezili-16 abantu baseMzantsi Afrika abahluphekileyo kanti le meko iqatsela ngakumbi kumakhaya aneentloko ezingamabhinqa kwiindawo ezipemaphandleni. Ukutshataliswa kokuhlupheka nokuyilwa kobutyebi phantsi kwenqubo yentengiso ekhululekileyo neyyo kuxhomekeke ekukhuleni koqoqosho lwamacandelo. Oku kungenzeka ngenxa yokuba ukukhula kwecandelo elithile kuhkokele ekukhuleni kwelinje icandelo, oko kukuthi ukukhula kwabathengisi beemveliso ezsifuna ukusetyenzwa kuyanda ngokunjalo nabo basebenza ngeemveliso ezsifuna ukusetyenzwa.

Njengesiphumo, uMzantsi Afrika namhla uneentlobo ezimbini zoqoqosho ezahluke kakhulu kumacandelo amaninzi, oko kukuthi, uqoqosho olupuhlileyo olukwabizwa ngo-kuthi luqoqosho lokuqala kunge noqoqosho olupuhlilayu olukwabizwa ngokuba luqoqosho lwasibini. Obu bumbolombini bufumaneka kuwo onke amacandelo ezolimo, amacandelo

onganyelweyo kunge neemveliso kuquka icandelo leenkozo, elilugqaliselo lwale projekthi. Inxalenye enkulu yamanani abantu ibonwa njengenakutya kwaneleyo, apho abantwana bathwaxwa kukungondleki khona.

Injongo yaleSLA kukuba iGrain SA ibanda-kanye iikhontraktha ukuba zincedise abalimi kwihektare ezingama-3 656 ukuba balime izityalo zabo (ngokwemithetho-siseko yeProjekthi yeJobs Fund) kwiindawo ezidityanelweyo zaseMpuma Koloni, ngenjongo yokulima umbona ukuze kubehko ukutya okwaneleyo ekhaya nokuthi kuthengiswe intshiyekela evelayo ukuze kufakwe igalelo kuyilo lwengeniso yaba balimi bezi ndawo zisemaphandleni anzulu.

Abalimi benza umnikelo ongowabo wemali ngokwehektare. Amaqumrhu athengisa iimveliso zamalungiselelo (iMonsanto, iSA Lime & Gypsum, iKynoch, iSyngenta neVilla Crop Science), anikela ngesaphulelo kwiimveliso

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

46 Louw Wepener Street
1st Floor
Dan Pienaar
Bloemfontein
9301
► 08600 47246 ◀
► Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
► 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

InfoWorks
► 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

INKUBO YEGRAIN SA YO PHUHLISO IWABA LIMI

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
► 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

Jerry Mithombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
► 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Emelda Mogane

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
► 082 650 9315 ◀ dundee@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8069 ◀ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
► 083 730 9408 ◀ goshenfarming@gmail.com
► e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
► 082 877 6749 ◀ dutoit@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

Sinelizwi Fakade

Mihatha
► 071 519 4192 ◀ sinelizwifakade@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8077 ◀ Cwayita Mpotyi

Articles written by independent writers
are the views of the writer and not of Grain SA.

I-DRDAR neGrain SA zixhobisa abalimi baseMpuma Koloni



zamalungiselelo; iJobs Fund inikela ngenxene yeendleko zeemveliso zamalungiselelo ngokujalo neendleko zokunika kweengcebiso.

Umnikelo ovela kwiDRDAR ngowoku-hlawulwa kweekhontraktha ezilungisa amasi-mi, ukuba kutyalwe ngokunjalo kutshizwe izityalo zabalimi eMpuma Koloni. I-Grain SA ikhupha ulwazi neenkucukacha, iqinisekisa ukuqwalaselwa nokuvavanywa kweenkquo-bo ngokunjalo iphuhlise inkqubo yokunikwa kweengxelo malunga neeprojekthi ezenzi-wayo. Abanemfundu yesidanga abaswele ingqesho kwiindawo ekujoliswe kuzo bame-nywa baze baba ziikhontraktha zeGrain SA ukuze bafumane inkxaso-mali yeDRDAR. Aba banemfundu yesidanga basebenzele kufutshane kakhulu nabacebisi bendawo, be-fumana amava axabisekileyo okuzibambela ngezandla zabo ngelixa besiya kwizifundo zo-qeqesho ebezilungele izidingo zabo.

EMPUMA Koloni, inkqubo yeGrain SA ise-benza kwizithili ezihielanu ezizezi: iAlfred Nzo, iAmathole, iChris Hani, iJoe Gqabi neO.R. Tambo. Ngaphaya koko kunqweneleka ukuba iinkozo ezilinywe ngaba balimi zithengiselwe iAgri Parks kwiphondo (xa sebesebenza).

Abalimi abaninzi kwiindawo ezisemaphandleni anzulu abanabo oomatshini abangababo kwaye abakwazi nokuzihlawulela iindleko zokuhontraktha. Ngokusebenzia esi sivumelwano, iGrain SA iya kukwazi ukuhlola nokuhontraktha iikhontraktha zeli lizwe zolimo ukuncedisa abalimi ngokulungiselelwu umhlabu, ukutyalu nokutshiza amasimi (abalimi abayinxene yeProjekthi yeJobs Fund nezinyi iiprojekthi ezifana nazo abazihlawu-leyo iirhafu zabo).

Malunga nabalimi, iGrain SA ivumile

ukwenza nje:

- Ukuchonga bonke abalimi abanenxaxheba nabanenkxaso yesebe. Inxaxheba yabalimi ixhomekeke kumnikelo wemali kwiprojekthi xa kufika umhla wama-31 Julayi ngonyaka ngamnye.
- Ukufulana umnikelo ovela kumlimi ngamnye – abalimi bafaka imali ngqo kwiakhawunti yaseStandard Bank evulelwelo loo njongo ngqo baze basayne isivume-lwano seJobs Fund, okanye esinye isi-vumelwano esifanelekileyo.
- Ukuodola iimveliso ezichanekileyo zamalungiselelo omlimi; ukunyula abacebisi abaxhasa abalimi entsimini; nokuqequesha abalimi ngokulima nangokuthengisa.
- Ukuuncedisa abalimi ngokuthengisa intshiyekela yabo.

Malunga neekhontraktha, iGrain SA ikuvumile oku:

- Ukuchonga iikhontraktha ezifanelekileyo, ezinesakhono nezixhobe ngamandla okusebenza ukuba zilungiselele abalimi amasimi ezalathelwe wona ngokunjalo ziwalime.
- Ukuhlola izixhobo zeekhontraktha nokuqinisekisa ukuba zinesakhono sokuwenza umsebenzi ezithunywe wona.
- Ukuxhasa iikhontraktha kulo lonke ithuba lenkqubo ukuqinisekisa ukuba zenza umsebenzi ngendlela esemgangathweni ofunekayo.

Siyakholelwu ekubeni le projekthi iyimpumelelo. Inyaniso yokuba abalimi beli nabanini beetrektra baxhotyiselwa ukupuhluhla njengeekhontraktha kuya kuqinisekisa ukuba ukulinywa kwezityalo kuya kukwazi ukuhuba nakwithuba elide emva kwale projekthi. Kubaluleke kakhulu ukusebenzia abantu beli lizwe njengababoneleli beenkonzo njengoko bephila phakathi koluntu kwaye beyinxalenyne yabantu ababakhonzayo. Inkonzo yabo, okanye ukusilela kwayo, kuya kuba nefuthe kwisimo sabo eluntwini kanti oko kukodwa kubaqhubela ekwenzeni umsebenzi olungileyo.

Inkqubo yokuxhobisa abanemfundu yesidanga iyimfuneko kakhulu – baninzi abantu abatsha abakunqwenelayo ukuba yinxene ye candelo nabafunde kumaziko emfundu. Nangona kunjalo, kubonakala ngathi iiyunesithi neekholeji azisalwenzi uqeqesho lokusebenza ngezandla ngoko ke emva kokufumana imfundu yesidanga abatsha abananto ingako banokuyenza entsimini njengoko sukuba besazi izifundo zayo yonke into kodwa ngaphandle kwamava okusebenza. Ngokusebenzia ubudlelwane esibakhayo nabasebenzi abasafundayo, sibabonisa indlela yokuqhube ukufama sibavule amehlo malunga nokufama kwenene kune nemingeni ekhoyo abajongana nayo abalimi yonke imihla.

Siyithakazelela kangangoko intsebenziswano esinayo neDRDAR kwaye sijonge phambili ekubancediseni ngokwakha eli candelo kwiphondo – xa sikunye kukhulu esinokukwenza.

Inqaku linikelwe nguJane McPherson, uMphathi weNkubuo yoPhuhsio Iwabalimi, eGrain SA. Ngolwazi olithe vetshe, thumela i-imeyili apha jane@grainsa.co.za.